# Iziqulatho


**1** **Indalo—***Matshi 26-Apreli 1* — 6

**2** **UKuwa—***Apreli 2-8* — 14

**3** **UKayin neLifa laKhe—***Apreli 9-15* — 22

**4** **UNogumbe—***Apreli 16-22* — 30

**5** **Zonke iiNtlanga neBhabheli—***Apreli 23-29* — 38

**6** **Iingcambu zikaAbraham—***Apreli 30-Meyi 6* — 46

**7** **UMnqophiso noAbraham—***Meyi 7-13* — 54

**8** **IDinga—***Meyi 14-20* — 62

**9** **UYakobi Umgweqi—***Meyi 21-27* — 70

**10** **UYakobi-Sirayeli —***Meyi 28-Juni 3* — 78

**11** **UYosefu INgcali Yamaphupha—***Juni 4-10* — 86

**12** **UYosefu, iTshawe laseYiputa—***Juni 11-17* — 94

**13** **USirayeli EYiputa—***Juni 18-24* — 102



**Iofisi Yabahleli:**
12501 Old Columbia Pike
Silver Spring, MD 20904

**Sityelele kwi website yethu:**
http://www.absg.adventist.org

**Onegalelo Elikhulu Esifundweni:**
Félix Cortez

**Umhleli:**
Clifford R. Goldstein

**Isekela-mhleli:**
Soraya Homayouni

**Umanejala Wopapasho:**
Lea Alexander Greve

**Oncedisayo Ekuhleleni:**
Sharon Thomas-Crews

**Ohlanganisa Konke EPacific Press:**
Tricia Wegh

**Umzobi Nocwangciso:**
Lars Justinen

**Oguqulele EsiXhoseni**
Luzuko B. Matomela



© 2022 General Conference of Seventh-day Adventists®. Onke amalungelo agodliwe. Akukho ndawo kwisikhokelo Sokufundwa kweBhayibhile Sesikolo SeSabatha Sabantu Abadala. (uMgangatho oHleliweyo) inokuhlelwa, itshintshwe, ilungiswe, iqhelaniswe, iguqulwe, yandiswe, okanye ipapashwe ngumntu okanye umbutho ngaphandle kokuba kufunyanwe isigunyaziso esibhaliweyo esiphuma kwiGeneral Conference of Seventh-day Adventists®. Iiofisi zezahlulo zeGeneral Conference of Seventh-day Adventists® zinegunya lokulungiselela ukuguqulwa kweSikhokelo Sokufundwa kweBhayibhile Sesikolo SeSabatha Sabantu Abadala phantsi kwemiqathango ekhokelayo emiselweyo ilungelo lobunini benguqulelo ezinjalo kunye nokusasaza kwazo kuya kuhlala kulilungelo leGeneral Conference. U"Seventh-day Adventist", "Adventist" kunye ne 'logo' yelangatye ziimpawu zorhwebo ezisemthethweni zeGeneral Conference of Seventh-day Adventist® kwaye azinako ukusetyenziswa ngaphandle kokuba, ngaphambi koko, kufunyanwe isigunyaziso esiphuma kwiGeneral Conference.


Isikhokelo Sesifundo Sesikolo SeSabatha Sabantu Abadala silungiswa yiofisi ejongene neZikhokelo Zokufundwa kweBhayibhile Ngabantu Abadala kwiNkomfa Eyongameleyo (General Conference) yaBalindi (Seventh-day Adventists®). Isikhokhelo esi siphantsi kwenkokhelo yeQumrhu elipapasha izikhokelo zokufunda iBhayibhile. Isikhokelo esipapashiweyo sibonisa igalelo lekomiti yelizwe ngokubanzi ehlola umgangatho nokuvuma kweBhodi yosasazo lweSikolo SeSabatha ukuze ngolo hlobo isifundo singabi ziingcamango zombhali okanye ababhali kuphela.

**Iinguqulelo ZeBhayibhile Ezisetyenzisiweyo** (Zimbini ezesiXhosa):
**Eyokuqala:** IZIBHALO EZINGCWELE: U'Hlaziyo lweNguqulo yeMvumelwano, kuHlaziyo loBhalo-magama oluVunyiweyo, uhlelo lweshumi elinambini 2010; ushicilelo lwesihlanu 2014.' [Yeyona isetyenzisiweyo koku kuguqulwa kwale ncwadi].
**Eyesibini:** IBHAYIBHILE: *Inguqulelo entsha egqityezelwe ngowe-1996.* Xa kucatshulwe kuyo kubhalwa IBHAYIBHILE emva kwaloo ndima icatshulweyo.
Ukuba kwenzekile kwasetyenziswa okuphuma kwinguqulelo yesiNgesi, kuya kwaziswa noko. [Nazo ezesiNgesi zisetyenziswe ngemvume kwisifundo esiguqulwayo.
Kwesi sifundo sekota yokuqala yowama-2021, kusetyenziswe iKJV esetyenziswe ngemvume. Zikho ke nezinye, gqaba-gqaba, nazo ezisetyenziswe ngemvume. Ziquka ezi zilandelayo:


**NKJV**. New King James Version®. Copyright © 1979, 1980, 1982, 1992 by Thomas Nelson, Inc. Used by permission. All rights reserved.
**TLB.** From The Living Bible, Paraphrased, copyright © 1971 by Tyndale House Publishers, Wheaton, Ill. Used by permission.
**ESV**. *The Holy Bible, English Standard Version*®, copyright © 2001 by Crossway, a publishing ministry of Good News Publishers. Used by permission. All rights reserved.
**NIV**. *The Holy Bible, New International Version*®, copyright © 1973, 1978, 1984, 2011 by Biblica, Incorporated®. Used by permission. All rights reserved worldwide.

# INCWADI YESIQALO



IGenesis ingoYesu: uYesu uMdali wethu, uYesu uMxhasi wethu, uYesu uMkhululi wethu. Ebhala kwiwaka leminyaka emva kokuba ingxelo yeGenesis ngokunokwayo ibhalwe nguMoses, kwaye efikelela ngasemva ukucanda loo maphakade ukusinga kanye kumazwi enyange, umpostile uYohane utyhila uYesu kwingxelo yeNdalo: "Ekuqalekeni ube ekho uLizwi, waye uLizwi ekuye uThixo, waye uLizwi enguThixo. Izinto zabakho ngaye, engekho yena akubangakho nanye into ethe yabakho. Kuye kwakukho ubomi, baye ubomi obo bulukhanyiselo lwabantu" *(Yohane 1:1-4)*.

UYohane wabhala ntoni apha? "Ekuqalekeni" izinto zonke ezenziwayo, izinto zonke ezazingekho kuqala, zathi zabakhona-ngoYesu. Yonke indalo-ukusuka kwiminyele yesibhakabhaka kulo lonke elimiweyo ngeevili ezijikeleze zikhwankqisa zomlilo nokukhanya ukusinga kwincindi yofuzo echanekileyo ebunjwe ngokungumangaliso kwiseli kumasuntswana angumsinga-uYesu wadala kwaye ukuxhasa konke. Kwaye incwadi yeGenesis libali lokuqala kwisiBhalo lazo zombini, le ndalo kunye nokukhululwa kwale ndalo. Apha, kule ncwadi, kukho ingxelo "esesikweni" ekuphela kwayo ehlabathi ngemvelaphi yethu.

Igama lesiNgesi *uGenesis* lisuka *kugenesisi* wesiGrike, elithetha "isiqalo," lona ngokunokwalo lisuka ku-*bere'shit* wesiHebhere, "ekuqalekeni"-igama lokuqala lale ncwadi (yiyo lo nto, iligama lokuqala layo yonke iBhayibhile!) IGenesis isinika isiseko, umzantsi, nalapho zonke iziBhalo ezilandelayo zimi khona. Ngenxa yokuba iyeyokuqala,

yaye isisiseko sayo yonke into elandelayo, iGenesis mhlawumbi yeyona ncwadi icatshulwe okanye kusingiselwe kakhulu kuyo kwiziBhalo ziphela.

IGenesis ibalulekile kuba iyincwadi ethi, ngaphezu kwawo nawuphi umsebenzi, naphi na, isincede siqonde ukuba singobani njengabantu, inyaniso ebaluleke ngokukodwa ngoku, kwixesha apho thina njengabantu sibonwa njengebhaqo, amabona-ndenzile ezidalwa zelizwe elikholelwa ngokuphandle kwizinto eziphathekayo kwaphela. Okanye, njengoku isitsho enye inzulu-lwazi, thina njengabantu "siludaka oluhlanganisiweyo," (nto leyo enobunyani kwelinye icala, nangona ngokwakuye iyimithetho yemvelo kuphela eyaluhlanganisayo!) IGenesis, noko kunjalo, ityhila kuthi imvelaphi yethu yokwenene, yokuba sizizidalwa ezenziwe ngenjongo nangokugqibeleleyo ngokomfanekiselo kaThixo kwihlabathi eligqibeleleyo. IGenesis kanjalo edandalazisa elubala uKuwa; oko kukuthi, isizathu sokuba ihlabathi lethu lingasagqibelelanga kwanokuba kutheni nathi njengabantu singagqibelelanga, kanjalo.

*IGenesis, noko kunjalo, iyasithuthuzela kanjalo ngedinga likaThixo losindiso kwihlabathi elithi, kulo ngokunokwalo, lingasiniki nto koko intlupheko nokufa.*

Ngamabali ayo anika umdla emimangaliso (indalo, uzalo, umnyama) nemigwebo (uNogumbe, iSodom neGomora) engqina ubungcwele bobukho bukaThixo, iGenesis iyoyikeka. Kodwa iGenesis kanjalo iyincwadi enamabali achukumisayo othando (uYakobi noRakeli), entiyo (uYakobi noEsawu) ozalo (uIsake, uYakobi, oonyana bakaYakobi), okufa (uSara, uRakeli, uYakobi, uYosefu), okubulala (uKayin, uSimon, noLevi), nawoxolo (uEsawu noYakobi, uYosefu nabantakwabo). Kanjalo ikwa yincwadi eyalelayo enezifundo ngokuziphatha (uKayin, uAbheli) ngokholo (uAbraham, uYakobi), nangethemba nedinga lenkululo (ukutyunyuzwa kwenyoka, iLizwe leDinga).

Kule kota, asizokulesa sifunde kuphela incwadi yeGenesis-sizakonwabela amabali ayo amnandi size sifunde ukuhamba ngcono neNkosi yeNdalo, uThixo kaAbraham, uIsake, noYakobi.

Ngaxa linye, iintshukumo ngezentlalo zencwadi-ukusuka eEdeni ukuya eBhabhile, ukusinga kwiLizwe leDinga, ukusinga eYiputa, nombono weLizwe leDinga-zisikhumbuza ngeehambo zethu ezizulazulayo zize zikhulise ithemba lethu leLizwe leDinga lokwenene, izulu elitsha nomhlaba omtsha. Xa silandela aba bantu sidukuda kumaphepha eGenesis, sizakufumanisa ukuba-nokuba lahluke kangakanani na ixesha, indawo, inkcubeko, nemeko-amabali abo asoloko, ngeendlela ezininzi, engawethu, ngokunjalo.

*Jacques B. Doukhan, DHL, ThD, is emeritus professor of Hebrew and Old Testament exegesis in the SDA Theological Seminary, Andrews University.*